



# I-COVID-19 ILAPHA IZOKUHLALA NATHI

## KUFUNEKA SIFUNDE UKUPHILA NAYO



**Ukuzikhusela thina, iintsapho zethu, oogxa bethu kunye noluntu kufuneka sikhumbule:**




Ukufaka iimaski zethu ezogquma iimpumlo kunye nemilomo yethu kuzo zonke iindawo zikawonke-wonke



Ukuhlamba izandla zethu rhoqo ngesepa namanzi okanye ukusebenzisa isibulala ntsholongwane



Ukogquma imilomo yethu neempumlo zethu ngengqiniba zethu okanye ngethishu xa sikhohlela okanye sithimla



Ukuzama ukuqelela ngomgama wemitha e-1.5 ukuya kwezi-2 kwabanye abantu



Ukuphepha iindawo ezinabantu abaninzi



**Nokugonya i-COVID-19 xa ifumaneka**





# KUTHENI KUFUNEKA SIGONYE

**Isitofu sokugonya siza kukukhusela wena kunye nabo ubakhathaleleyo ekubeni bagule kakhulu ngenxa ye-COVID-19.**

Iza kuba ziinyanga ezininzi phambi kokuba isitofu sokugonya sifumaneke ebantwini abaninzi. Nangelo xesha, ayinguye wonke umntu oza kugonywa, njengabantu abagula kakhulu kunye nabo bangaphantsi kwe-18.



**Okukhona abantu abaninzi begonywa kwaye ulandele onke amanyathelo othintelo, kokukhona asezantsi amathuba okuba isasazeke intsholongwane.**

Xa umenyiwe ukuba uzokufumana isitofu sokugonya, ukhethwe ngenxa yomsebenzi owenzayo, okanye unokuba usesichengeni kakhulu. Ungakhetha ukuphakama kwaye uzikhusele wena nabanye ngokuthatha isitofu sokugonya. **Abo bangagonywanga baxhomekeke kuwe.**

Sikhetha isitofu so ku gonya  
**#WeChooseVacciNation.**

**#MakingMiningMatter** Kunye singa yoyisa i-COVID-19 **#BeatCovid.**





# INDLELA ESISEBENZA NGAYO ISITOFU SOKUGONYA



Isitofu sokugonyela i-COVID-19 sanceda imizimba yethu ilwe intsholongwane.


## Le yindlela esisebenza ngayo:




**1** Oosonzululwazi basebenzisa ijini ye-COVID-19 ukwenza isitofu sokugonya.




**2** Isitofu sokugonya sitofwa kwisihlunu esisezingalweni zethu.



**3** Isitofu sokugonya sixelela imizimba yethu ukuba ikhuphe iiseli ze-T kunye nezilwa-buhlungu. Ezi ziiseli ezikhutshwa yimizimba yethu ngendalo ukulwa usulelo.



**4** Xa ngaba siba sesichengeni sentsholongwane kwibakala lamva




**5** imizimba yethu sele ilungiselele ukulwa intsholongwane ye-COVID-19 ngeeseli ze-T kunye nezilwa-buhlungu zethu.



**6** Oku kuthetha ukuba sinokugonyeka okwakhelweyo kwi-COVID-19.



**7** Ukuba sisayifumana i-COVID-19, oku kuza kuqinisekisa ukuba sifumana iimpawu eziphakathi kuphela.



Okukhona abantu abaninzi begonywa, kokukhona kuza kubanzima ukuba isasazeke i-COVID-19.

Ukuthatha isitofu sokugonya se-COVID-19 kuza kusindisa ubomi.





# INGABA SIZA KUSEBENZA ISITOFU SOKUGONYA?

**Iziphumo ezivela kumalingo esitofu sokugonya kunye nokukhutshwa kwezitofu zokugonya emhlabeni wonke kusibonisa ukuba siyasebenza isitofu sokugonya. Isitofu sokugonya siza kuthintela abantu abaninzi abagonyiweyo ekubeni bafumane i-COVID-19.**

**Inani elincinane labantu lisenako ukuyifumana i-COVID-19 emva kokuba ligonyiwe, kodwa kunokwenzeka ukuba lingaguli kakhulu okanye kufuneke ukuba lilaliswe esibhedlele.**



**INYANI KUKIUBA:**

**isitofu sokugonya se-COVID-19 siza kusindisa ubomi**

**#MakingMiningMatter**


**Zikhusele wena kwaye ukhusele abanye ngokuxhasa ugonyo**

**#VacciNation**





# INGABA ISITOFU SOKUGONYA SIKHUSELEKILE?



**Izigidi zabantu  
emhlabeni jikelele  
zifumene isitofu  
sokugonya seCOVID-19.**

Zonke izitofu zokugonya zidlula kumalingo onyango angqongqo ukungqina ukuba ziyasebenza na kwaye zikhuselekile.



Kuphela zizitofu zokugonya ezivunywe nguGunyaziwe oLawula iMveliso yezeMpilo yoMzantsi Afrika (South African Health Products Regulatory Authority) (SAHPRA) ezinokusetyenziswa.

#MakingMiningMatter

Kunye singa yoyisa i-COVID-19 #BeatCovid.

Sikhetha isitofu soku gonya  
**#WeChooseVacciNation.**





# INGABA IZITOFU ZOKUGONYA ZINEZIPHUMO EBEZINGALINDELEKANGA?

**Abantu abaninzi baza kuziva bengenangxaki emva kokuthatha isitofu sokugonya.**



Abantu abathile baza kuba nezihlunu ezibuhlungu, bazive beshushu okanye bediniwe, okanye benentloko engephi emva kokuthatha isitofu sokugonya.

**Ezi mpawu ziyahamba emva kosuku olunye ukuya kwezimbini.**



Ezi ziphumo bezingalindelekanga zenzeka kuba into eyenziwa ngumzimba wakho kwisitofu sokugonya kukwenza kuqalise ukusebenza amajoni akho omzimba.



**Ukuthatha isitofu sokugonya seCOVID-19 kuza kusindisa ubomi.**

#MakingMiningMatter

Zikhusele wena kwaye ukhusele abanye ngokuxhasa ugonyo **#VacciNation.**  
Kunye singa yoyisa i-COVID-19 **#BeatCovid.**





# NDIZA KUGONYWA NINI?



**Isitokhwe seyeza lokugonya asininzanga okwangoku. Ugonyo luza kwenziwa ngezigaba ezi-3:**

## ISIGABA SOKU-1:

Abasebenzi bethu bokhathalelo lwempilo baza kugonywa kuqala.



## ISIGABA SESI-2:



### Abasebenzi abayimfuneko:

Amagosa amapolisa, abasebenzi basemgodini kunye nabasebenzi abangoonogada, abarhweba ngokutya, abokungcwaba, ootitshala, kwezokubhanka kunye nabasebenzi abayimfuneko kumasipala kunye nabesebe lemicimbi yezekhaya, abakulawulo lwemida kunye nabakwiinkonzo zempilo emazibukweni

### Abantu abasesichengeni:

Abantu abanama-60 kunye nangaphezulu abanesigulo esingaphezulu kwesinye abaphila naso esifana ne-TB, ukutyeba, i-HIV, isifo sezintso kunye nesifo seswekile

### Abantu abahlala kwiindawo ezixineneyo:

Amakhusi, amakhaya agcina abantu abafuna ukhathalelo, iijele, amaziko okuvalela

## ISIGABA SESI-3:



Bonke abahlali baseMzantsi Afrika abangaphezulu kwe-18 leminyaka ubudala.

Khumbula ukuba kufuneka siqhube ukwenza into echanekileyo ukuzikhusela thina kunye nabanye ngexa sisalindele ukugonywa, kunye nasemva kokuba sigonyiwe.

Sikhetha isitofu soku gonya  
**#WeChooseVacciNation.**

**#MakingMiningMatter**

Kunye singa yoyisa i-COVID-19 **#BeatCovid.**





# LULUMKELE ULWAZI OLUBUBUXOKI

IINDABA  
EZIYINKOHLISO

Yithathele uxanduva into  
oyitshoyo kunye nendlela  
owenza ngayo izinto.



Hlala unolwazi  
usebenzisa  
imithombo  
ethembekileyo  
yolwazi.

Ungakholwa yonke into oyifunda kwi-  
intanethi, oyibona kwi-TV, okanye oyiva  
kubahlobo okanye kumalungu osapho.



Imizekelo yemithombo  
ethembekileyo yolwazi  
ngeCOVID-19.



World Health  
Organization



health

Department:  
Health  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



Fumana uncedo ukuba uziva ukhathazekile  
- yiya kugqirha wakho okanye kumongikazi ukuba  
ngaba unemibuzo malunga nesitofu sokugonya.

#MakingMiningMatter

Kunye singa yoyisa i-COVID-19 #BeatCovid.

Sikhetha isitofu soku gonya  
#WeChooseVacciNation.





# SAMKELA KWAYE SABELANE NGOXANDUVA



**Siyakuxhasa ukukhutshwa kwesitofu sokugonya saseMzantsi Afrika.**

**NJENGEEMANYANO ZABASEBENZI KUNYE NEENKAMPANI,** siza kuqinisekisa ukuba banikwa ulwazi olufanelekileyo ngezitofu zokugonya kunye nendlela ezisebenza ngayo.

## **NJENGEENKAMPANI ZEMIGODI,**

siza kunceda ukugonya abasebenzi bethu bokhathalelo lwempilo kunye nabo bonke abanye abasebenzi, kunye noluntu lwethu lwemigodi msinyane nje ukuba zifumaneke ezi.

## **NJENGABASEBENZI KUNYE NABEMI**

sinoxanduva lokunqanda ukusasazeka kweCOVID-19, kunye nokukhusela thina kunye nabanye.

#MakingMiningMatter

Sikhetha isitofu soku gonya **#WeChooseVacciNation.** Kunye singa yoyisa i-COVID-19 **#BeatCovid.**

